2026 Explaining the Budget Framework

25 February
#Budget2026

ISIXHOSA FACT SHEET

BUDGET

# YINTONI UHLAHLO LWABIWOMALI?

UHlahlo Lwabiwomali lisicwangciso esicazululiweyo esikhokela indlela **urhulumente aqokelela kwaye achithe ngayo imali** ukuxhasa izinto eziphambili kwisizwe ezifana nezemfundo, ukhathalelo lwempilo, neziseko zophuhliso.

## UHLAHLO LWABIWOMALI LUSEKELWE KWINTSIKA EZINE EZINGUNDOQO:

### 1. ISITETIMENTI SOMGAQONKQUBO WOHLAHLO LWABIWOMALI LWESIQINGATHA LWEXESHA ELIPHAKATHI (MTBPS)

Esibeka okuphambili kurhulumente.

### 2. INKQUBOSIKHOKELO YENKCITHO YEXESHA ELIPHAKATHI (MTEF)

Ecwangcisa inkcitho kwiminyaka emithathu ezayo.

### 3. INKQUBOSIKHOKELO YEZEMALI

Ebonisa ingeniso nenkcitho elindelweyo.

### 4. UKOHLUKANISWA KWENGENISO

Okwaba imali phakathi kukarhulumente wesizwe, wephondo nowengingqi.

### 5. ISICWANGCISO SOPHUHLISO SEXESHA ELIPHAKATHI (MTDP)

2024–2029, inkqubosikhokelo yesicwangciso esingundoqo saseMzantsi Afrika socwangciso lukarhulumente, uhlahlo lwabiwomali, kunye nokuphumeza, esijolise ekuseni phambili uMbono weSicwangciso soPhuhliso seSizwe (NDP) 2030.

### 6. ISICWANGCISO SOPHUHLISO SESIZWE (NDP)

Esisekwe kwiintsika ezi-6 ezimele iinjongo ezibanzi zesicwangciso ukuphelisa ubuhlwempu kunye nokunciphisa ukungalingani.

national treasury
Department:
National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

A NATION THAT WORKS FOR ALL

2030 NDP

# INDLELA OLUSEBENZA NGAYO UHLAHLO LWABIWOMALI

Uhlahlo lwabiwo-mali lukazwelonke ngumkhombandlela yezemali yoMzantsi Afrika, eqinisekisa ukuba imali njalo isetyenziswe ngokufanelekileyo kuphuhliso. Ilinganisa umvuzo kunye nenkcitho ngokucwangcisa ngononophelo, uqikelelo, kunye nohlengahlengiso olusekwe kwiimeko zoqoqosho kunye nezinto eziphambili. **Nantsi indlela esebenza ngayo:**

## 1. INGQIKELELO YOQOQOSHO

Iingcali ziqikelela ukukhula koqoqosho, ukonyuka kwamaxabiso, kunye nengeniso yerhafu ukucwangcisa inkcitho.

Ezi ngqikelelo zinceda ukuqinisekisa ukuba uHlahlo Lwabiwomali luyinene kwaye luzinzile.

## 2. UKONYUSA IMALI YOHLAHLO LWABIWOMALI

Iirhafu (ezifana ne-VAT, irhafu yengeniso, nerhafu yamaqumrhu).

Enye ingeniso (iirhafu kwimpahla engeniswa okanye ethunyelwayo elizweni, iirhafu eziwiswayo, nezohlwayo).

Ukuboleka (ukuba kuyafuneka).

## 3. INDLELA ECHITHWA NGAYO IMALI

Imali yohlulwa ngokwamanqanaba amathathu: urhulumente wesizwe, wephondo, nowengingqit.

Inxenye yohlahlo lwabiwomnaliibekelwa ecaleni njengovimba wesihlo esinokwenzeka kwizihlo ezingalindelekanga (umzkl. iintlekele zendalo).

# NGUBANI OWENZA ISIGQIBO SOHLAHLO LWABIWOMALI?

UHlahlo Lwabiwomali ngumzamo **ohlanganyelweyo, obunjwa ngamasebe karhulumente** ukuqinisekisa inkcitho efanelekileyo nenempumelelo. Ludlula kumabakala amaninzi oqwalaselo kwakhona nokuvunywa phambi kokuba lube ngumthetho.

## 1. UHLAHLO LWABIWOMALI NGUMZAMO OHLANGANYELWEYO

Iinkokeli zeqela lomsebenzi zenza iziphakamiso kwiKomiti yobuChwepheshe kuhlahlo lwabiwomali lize ke lenze iziphakamiso kwi-MINCOMBUD (IKomiti yabaPhathiswa kuHlahlo Lwabiwomali), eni ka izimvo kwizindululo zoHlahlo Lwabiwomali.Izimvo ziyalungelelaniswa kuze kuqulunqwe uHlahlo Lwabiwomali.

## 2. UMPHATHISWA WEZEMALI

Uthi thaca iNtetho yoHlahlo Lwabiwomali ngoFebruwari, echaza izinto eziphambili kurhulumente, imigaqonkqubo yeerhafu, kunye nezicwangciso zenkcitho kwiminyaka emithathu ezayo.

## 3. IPALAMENTE NONONDYEBO

Bahlalutya kwaye bacolisise iziphakamiso, beqinisekisa ukuba kukho imali eyabiwe ngempumelelo ukuhlangabezana neemfuno zesizwe ngexa begcine uxanduva lweemali zikarhulumente.

## 4. UTHATHO NXAXHEBA

Lwabemi, amaqela oluntu ekuhlaleni, kunye nabameli bamashishini banokunika ingxelo ngokwenziweyo ngeendibano neengxoxo zikawonke-wonke, ukunceda ekubumbeni izigqibo zohlahlo lwabiwomali.

## 5. UMONGAMELI

Unika imvume yokugqibela ngokusayina uHlahlo Lwabiwomali lube ngumthetho emva kokuba iPalamente ixoxe ngalo kwayo yaluvotela. Oku kuqinisekisa ukungafihli nokuthatha uxanduva kwindlela esetyenziswa ngayo imali karhulumente.

2026 BUDGET

Explaining the Budget Framework

25 February
#Budget2026

# KUTHENI LUBALULEKILE UHLAHLO LWABIWOMALI KUWE!

UHlahlo Lwabiwomali luchaphazela wonke umntu, **lukhokela inkcitho karhulumente kwiinkonzo, iziseko zophuhliso, kunye nokukhula koqoqosho** ngekamva elingcono kubo bonke abantu baseMzantsi Afrika.

**1.** UHlahlo Lwabiwomali lunceda ukuphucula izikolo, izibhedlele, neziseko zophuhliso.

**2.** UHlahlo Lwabiwomali luqinisekisa ukuba inkcitho karhulumente ifanelekile kwaye ayifihli.

**3.** UHlahlo Lwabiwomali lwenza ukuba abemi balandele umkhondo wokuba iyaphi imali yabo yerhafu.

## UNGAZIQHELANISA NJANI NGOLWAZI LOHLAHLO LWABIWOMALI?

IVulekamali yiphothali yeintanethi yohlahlo lwabiwomali karhulumente waseMzantsi Afrika-iqonga elingaphononongwa nguye nabani na, aliqonde, kwaye azibandakanye ngalo nohlahlo lwabiwomali lukarhulumente. Iyilwe nguNondyebo weSizwe namahlakani oluntu ekuhlaleni ukwenza ukuba idatha yohlahlo lwabiwomali ingafihli kwaye ifikeleleke ngokungaphaya kuwonkewonke.

**Ukufikelela kwi-portal, COFA APHA okanye uskene iQR code.**



https://vulekamali.gov.za/ | vulekamali SA Online Budget Data

Umphathiswa wezemali,uMnu Enoch Godongwana uyakubeebeka **uhlahlo lwabiwo mali luka 2026 ngolwesithathu, 25 Mdumba 2026** e 14:00.

Yibukele ngqo kwi-Treasury's X/Twitter, YouTube kunye namajelo eendaba aphambili.



Follow National Treasury on the following social media platforms: @Treasury_RSA | National Treasury RSA | National Treasury RSA | @treasuryrsa | www.treasury.gov.za